

VAKALISA ULUVO LWAKHO! ULUNGELELWANISO LOKUPHELA KONYAKA KA2019/20 KWISAKHEKO SENGENISO NENKCITHO SEXESHA ELISEMBINDINI (I-MTREF) NGOKUJOLISWE KUMAKHADI AMANQAKU EZIKO NAKUMAQUMRHU AZIMELEYO KAMASIPALA NGENXA YESIFO IKHORONA (COVID-19)

ISixeko saseKapa sihlaba ikhwelo kuluntu lokuba livakalise uluvo kulungelelwaniso lokuphela konyaka kwisakheko sika-2019/20 sengeniso nenkcitho sexesha elisembindini (i-MTREF) ngokujoliswe kumaKhadi amaNqaku eZiko namaQumrhu azimeleyo kaMasipala (iZiko leNkomfa leZizwe laseKapa nelingeStediyam saseKapa) apho luyinxal'eny ye-IDP yango-2017 -2022. Oku kunxulumene nolungelelwaniso lokuphela konyaka ngenxa yesifo iKhorona (i-COVID-19), ngokungqinelana nesigqibo seBhunga sowama-27 kuCanzibe 2020. NgokweCandelo-17 loMthetho wobuRhulumente boMmandla ongoLawulo IweeNkqubo zikaMasipala onguNomb.32 wango-2000, uluntu namaqela anomdla okanye imibutho iyakuthi inikwe ithuba lokungenisa izimvo, izindululo okanye izilungiso ukususela ngowama-28 kuCanzibe (Meyi) ukuya kowe-17 weyeSilimela (Juni) 2020.

Izimvo, izilungiso nezindululo zingangiswa:

- Nge-imelyile: idp@capetown.gov.za
- Izingeniso ezibaliwego/ezilungele ukuposwa: Mazingeniswe kwi-ofisi ekufutshane nawe yeBhungana.
- Iwebhusayithi: www.capetown.gov.za/haveyoursay

Siyakuthi sincedisane nawe ukuba ufunu ukungenisa izimvo kodwa unokukhubazeka okuthile okanye awunakho ukufunda nokubhala. Qhagamshelana noZandile Mahlasela kwa zandile. mahlasela@capetown.gov.za okanye u-Margaret Isaacs kwa margaret.isaacs@capetown.gov.za

Ulungelelwaniso lokuphela konyaka kwisakheko sengeniso nenkcitho sexesha elisembindini ngokujoliswe kumaKhadi amaNqaku eZiko namaQumrhu azimeleyo kaMasipala, luyakuthi lufumanekе kwii-ofisi zamaBhungana nakwa www.capetown.gov.za/haveyoursay.

Qhagamshelana nesetyana le-IDP kwa idp@capetown.gov.za ukuze ufumane ingcaciso ethe xhaxhe.

LUNGELO MBANDAZAYO
UMPHATHI WESIXEKO
61/2020



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD